Imini Kahamisi Yamathamsanqa

- Adelheid Marie Bwire
- Rob Owen
- Xolisa Guzula

- Xhosa
- Level 2



UHamisi udinga iyunifomu entsha yesikolo.
Utata wakhe umsa ezivenkileni.

UHamisi ubona inkwenkwe enxibe ihempe entle. “Yaze yantle ke la hempe,” wacinga njalo uHamisi.

“Nam ndirhalela ukuba nehempe efana naleya yala nkwenkwe,” watsho uHamisi.

“Jonga, uthengisa ezi hempe zikhethekileyo,” watsho uHamisi. “Tata, ndicela undithengele yona.”

“Hamisi, kufuneka ndikuthengele iyunifomu,” watsho utata wakhe.

“Andinayo imali eyanele yokuthenga loo hempe,” watsho utata.

Utata kaHamisi uhlawulela iyunifomu. Uyothuka xa ebona kubuya itshintshi. Kusele imali eyanele ukuba athenge nehempe!

Le yimini kaHamisi yethamsanqa! Inokuba uza kukhetha eyiphi ihempe?

Storybooks South Africa

global-asp.github.io/storybooks-southafrica

Imini Kahamisi Yamathamsanqa

Written by: Adelheid Marie Bwire
Illustrated by: Rob Owen
Translated by: Xolisa Guzula

This story originates from the African Storybook (africanstorybook.org) and is brought to you by Storybooks South Africa in an effort to provide children's stories in South Africa's many languages.

This work is licensed under a Creative Commons
Attribution 3.0 International License.